

UMalume Rhulani noSingita basendleleni eya ezivenkileni.

USingita uqwalasele phandle ejonge ngefestile, ubukele abantu ababehamba ngeenyawo.



Uyacingisisa uSingita, “Xa ndimdala ndifuna ukufana nelaa nenekazi lineenwele ezinde, ezintle neziphothiweyo.”



“Ibhanti ebomvu esixaba yelaa nenekazi ihambelana kakuhle nelokhwe yalo eorenji,” uyacinga uSingita.



Linebhegi entle ebukekayo. Azi ukuba kulaa bhegana yalo lifake ntoni na," uyacinga emangalisiwe uSingita.



“Kumele ukuba nzima ukuhamba ngokukhawuleza xa umntu enxibe ezaa zihlangu zalo zinezithende ezide!” ucinga njalo uSingita.



Inenekazi liyema lijongisisa iminqwazi.

“Akwaba belinokuthenga laa mnqwazi ubukekayo umthubi usefestileni,” ucinga njalo uSingita.



Ngeli xesha bagqitha kulo uMalume Rhulani noSingita, eli nenekazi lilungisa iinwele zalo.

Ibhegi ebeliyithe gintye engalweni iyaphuncuka ityibilike iwe.



Nangona kunjalo, phambi kokuba ibhegi iwele kwipavimente, liyagoba eli nenekazi liyinqakule!



Lincuma lodwa eli nenekazi, amacici alo akhazimliswa yimitha yelanga.




Uncuma yedwa uSingita.

Iyahamba imoto, kancinci kancinci uSingita uya engasaliboni kakuhle eli nenekazi lefashoni liphucukileyo.

